

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRIN SA YOPHUHLISO LWABAVELISI



LUNGISA ISIXHOBO SAKHO

sokuvuna ufumane isityalo esihle

ZIXHOBO EZIYINTLOKO ZOMBONA, ZIKAJONGILANGA OKANYE ZEEMBOTYI ZESOYA ZEZINYE ZEENXENYE EZIBALULEKE KAKHULU ZOKUVUNA OKUNCOMEKAYO. UKUBA AZILONDOLOZWA NGOBUCHULE, UKONAKALA KWAZO KUYA KUCHAPHAZELA UMGANGATHO WOKUSEBENZA KUKAMATSHINI WOKUVUNA UBHULA KANTI ZILIQELA IINKOZO EZIYA KUPHELELA EMHLABENI.

Qiniseka ukuba iimela, izixhasi, iipleyiti ezinqanda ukutyibilika neziqhobosheli ezicinezelelwazantsi zikwimeko elungileyo yokusebenza **kwisixwexwe sokusika** (**Ifoto 1**). Khumbula, ukuba ufaka iimela ezintsha, izixhasi nazozifanele ukutshintshwa. Qinisekisa ukuba isixwexwe sihlala sikwindawo yaso kwaye siyakwazi ukujikajika ngokukhululeka.

HLOLA IINDAWO EZISHUKUMAYO ZESIXHOBO ESIYINTLOKO
Kubalulekile ukufunda incwadana echaza ngesixhobo esiyintloko (**Ifoto 2**) nokwenza ulondolozo olufunekayo.

- Qwalasela iloyile ezikwiibhokisi zegiyeri, ngokunjalo nokutsaleka kweebhanti zomoya kunye namatsheyini okuqhoba, ngokunjalo thambisa ngeoyile ugrise nemiphini yamandla.
- Tshintsha ioyile kwiibhokisi zegiyeri njengoko kufuneka. Igrisi lulwelo lokuthambisa lwexabiso eliphantsi olunokonga imali yakho. Kwizixhobo eziyintloko zohlobo lwakudala, qwalasela iiklatshi ezahlukhuleyo kwaye uqinisekise ukuba zimiselwe ngokweencwadana ezineenkcazelonogazo. Oku kungakongela imali eninzi.

Isixhobo esiyintloko sikajongilanga

Malunga nesixhobo esiyintloko sikajongilanga (**Ifoto 4**), qiniseka ukuba iibhodi zokunqakula zimi ngeendawozazo futhi uziqetengokobubanzi bemiqolo. Qinisekisa ukuba iibhodi ziqinisiwe kwaye zisetelwe ukunqakula izikhwebu zikajongilanga. Qwalasela ukusebenza okuncomekayokwesixwexwe esisikayo.

Iminwe yokuhlohlayersixhobo sokubhola, izikhusheli zeendawoezineentshukumo, izikhokeli zeeplastiki, izikhonkwane nemikhono akufuneki zonakale, njengoko oko kuya kuba nefuthe ekusebenzeni

Lungisa isixhobo sakho...

kwentloko. Ukuba iinxalenye zonakele, okuthuthwayo akunakuha -mba kakuhle ukusuka kwisixhobo esiyintloko ukuya kumatshini ovuna ebhula.

Isixhobo esiyintloko sombona

Kwisixhobo esiyintloko sombona (**Ifoto 5**), iindawo ezibalulekileyo ezifanele ukuqwalaselwa ziplayiti zomgangatho, itsheyini lokuqokelela, isixhakamfuli neziqengqi.


Ipleyiti zomgangatho mazisetelwe ukunqakula izikhwebu neen-kozo ukuba zingaweli emhlabeni. Ukuba iipleyiti zomgangatho zingahlengahlengiswa, qiniseka ukuba zishukuma ngokukhululeka. Qwalasela ukonakala kwiziqhagamsheli zokuhlengahlengisa iipleyiti zomgangatho.

Itsheyini lokuqokelela Itsheyini eliqhubela okuthuthwayo kwisixhobo sokubholela okuhlohlwayo okusentloko. Qwalasela ukutsaleka nokonakala okusetsheyinini nasemazinyweni amavili asetsheyinini. Qiniseka ukuba izipringi ezigcina ukutsaleka ziyawazi ukuhamba



1

Intsimbi esikayo – eneemela, izixhasi neziqhobosheli ezicinezelo-wa ezantsi.



2

Kubaleke kakhulu ukufunda imiyalelo ekwincwadi yoqequesho lokuse-tyenziswa kwsixhobo esiyintloko phambi kokuqalisa ngolondolozo.



3

Iklatshi etshebeleza kwsixhobo esiyintloko esidala.

ngokukhululeka kwaye azinarusi. Qiniseka ukuba ibhokisi yegiye yokuqhube izaliswe ngeoyile okanye ngegrisi.

Ifoto 6 ibonisa itsheyini lokuqokelela ukusuka kwi360 Yield Centre. Litsheyini lokuqokelela elixhotyiswe ngeebrashi eziqala zidodobalalise umonakalo obunokwenzeka kwiintloko ezikwiipleyiti eziqumathelayo, okwesibini linqakula iinkozo ezhamba zodwa ukuze lizihlole kwisixhobo sokubhola. Oku kuya kunceda kakhulu malunga nokulahleka kweenkoko.

Iziqengqi ezizixhakamfuli (**Ifoto 7**) zinoxanduva lokutsalela isityalo kwisixhobo esiyintloko. Qinisekisa ukuba iziqengqi ezixhakamfulay oziqengqi setsheyini. Esi sixhakamfuli sesiqengqi sikrazula ulutho lweesyalo ukuze olo lutho luqhekeke ngokukhawuleza.

Ngeenkukacha eziphe vetshe zidibane nomthengisi wendwo yakho. ■



4

Intloko kajongilanga.




5

Isixhobo esiyintloko sombona neepleyiti zomgangatho, itsheyini yokuqokelela neziqengqi esixhakamfulay oziqengqi setsheyini.



6

Itsheyini yokuqokelela yohlobo olutsha efakelwego.



7

Iziqengqi ezixhakamfulay oziqengqi setsheyini.

PIETMAN BOTHA,
UMCEBISI OZIMELEYO
KWEZOLIMO



Makuhlale *kucocekile* futhi *kugqoshekile*

LUBALULEKE KAKHULU UCOCEKO KWINDAWO YEMPANGELO UKUZE ABASEBENZI BANGABI SESI-CHENGENI SEENGOZI ESINGEYOMFUNEKO NGENXA YOBUME OBUNGQONGWE BUBUXHIFILILI NOKUNCOLA.

Bonke abasebenzi befama banoxanduva lokugcina umzi ufanelekile. Umqeshi ufanele ukuqinisekisa ukuba izibonelelo zokugcina izixhobo zokusebenza noomatshini zikhona. Ukupakisha nokugcina izinto kufanele ukufikelela kuzo zonke izinto eziyimfuneko. Kukwaluxanduva lwakhe wonke umntu osebenzisa izixhobo zokusebenza ukuzicoca nokuzibeka endaweni eyenzelwe ukuzigcina. Xa umzi ugcinwe kakuhle, abasebenzi abasayi kuchitha ixesha bezingela izinto ezifanele ukusetyenziswa.

Intambo zombane mazingashiywa nje emgangathweni, njengoko oko kusenokuba yingozi empilweni. Nakuphi ukuvuza njengokwamanzi, amafutha okubasela okanye ioyle kufuneka zicocwe kwangoko ukuthintela umgangatho otyibilikisayo kwindawo yokuphangela.

lingxowa ezinkulu, ngokunjalo neengxowa ezingama 50 kg, mazipakishwe zize zigcinwe ngoko Mthetho woKhuselo wesi8. Oku kuya kuqinisekisa ukuba indawo yokuphangela ihlala iqoqoshekile ngawo onke amaxesha ukuze kungabikho miqobo. Izikhongozelo ezingenanto zeoyile nezeekhemikhali mazingatshiswa futhi mazingangcwatywa, ngoko ke umqeshi ufanele ukuba nomgaqonkqubo wokuphathwa kwezikhongozelo ezingenanto.

Imiggomo yenkunkuma maybe khona. Le migqomo mayichithwe ize icocwe rhoqo ukuthintela izilomaqabane nezikrekrethi. ■



UCHARL SAAYMAN, UMCEBISI WEMPIO
NOKHUSLO EMEGA HEALTH AND SAFETY



AMAZWI AVELA... *kuGq* Dirk Strydom

KUKHO INTETHO ETHI MNYE KUPHELA UMBANDELA OXHAPHAKILEYO KULIMO, YINGUQUKO. LO MBANDELA BUBUME OBUNGQONGWE KUKUNGAQINISEKI NGO-KUNOKWENZEKA NAYIMINGCIPHEKO. UKUBA WENA UKUSHISHINO LOLIMO, WENZE ISIGQIBO SOKUMELANA NALO MNGENI.

Ulimo asibobume obulawuleka lula – kunzima ukuba kulimo nokwenza ushishino kulo. Bubume apho wonke umntu angayiqondiyo imingeni ajongene nayo, iimeko akuzo zokuxakaniseka nezezithintelo. Maxa wambi oku kungakhokelela kwimeko onokuzibuza ngayo ukuba kutheni uzifaka kuyo yonke le mingcipheko nokuba kutheni uqubisana nayo yonke le mingeni nemiqobo? Ndinqwenela ukukukhuthaza namhlanje ndithi kungokuba unenjongo!

Ulimo lubaluleke kakhulu kwilizwe lethu. Ngolimo sibonelela ilizwe ngokutya, sidala uzinzo sinike nethemba elizweni. Ubume obungqonge uqoqosho Iwehlabathi nezopolitiki zikwindawo enobunzima, kanti mininzi imibuzo neenxalabo ezingaphendulekiyo. Kodwa into enye eqaqambileyo kukuba, abantu bayaqalisa ngoku ukukuqonda ukabaluleka kolimo.

Ukuya yinxenyen yempilo yethu. Ukuba uqwaliasela imbali yamazwe apho iinkokeli zopolitiko ezingoozwilabo zathi zakutshwa ezhkhundleni zazo, uya kuqaphela ukuba kwaqala kwabakho inkxalabo malunga nobukho bokutya okwaneleyo. Iimeko ebezigguba kula mazwe bezisalatha ukuba bekungasekho lufikelelo ekutyeni okanye amaxabiso ookutya ebephindaphindwe kabini kwithuba lonyaka. Ingaba kutheni oku kabalulekile kuwe njengomlimi?

Uzalisekisa injongo enkulu xa udala uzinzo futhi unika abantu abaninzi abaswele kakhulu ukuya ngokunjalo unika nelizwe la-kho inkonzo ngenkuthalo yakho. Siyazi ukuba kunganzima phandle phaya – iimveliso zamalungiselelo ziduru, izifo zingabangela iingxaki, amasimi angamanzi kakhulu kanti neembalela zingathwaxa. Nangona kunjalo, siyakuthundeza ukuba uhlale ethembeni, ufumanise indlela yokusinda futhi uqhube ngokusebenza nzima njengoko usenza.

abantu baseMzantsi Afrika bafanele ukuba neqhayiya ngabali-mi bethu, abakwaziyo ukubabonelela ngobukho bokutya okwaneleyo kwimozulu exakayo ngokunjalo nobume obubangqongileyo. UMzantsi Afrika unabona balimi babalaseleyo ehlabathini.

– *UGq* Dirk Strydom yinkokeli kwiNtengiso, kwiNampo nakunNxulumaniso IoPhando. ■

Abaphathi bophuhliso banika icebiso

Ukuzilungiselela KUNGABUTHINTEL ubusela bezityalo

NANGONA UBUNGAKANANI BOKUBIWA KWEMVELISO YOLIMO KUNZIMA KAKHULU UKUBUFUMANISA, EZI ZIGANEKO ZOLWAPHULOMTHETHO ZINEFUTHE ELIKHULU KUZINZO NESAKHONO SENZUZO SABALIMI. NGAPHANDLE KWEENDLEKO ZEEMVELISO ZAMALUNGISELELO, ABALIMI BANYANZELEKA UKUBA BACHITHE IIMALI EZINKULU KUMANYATHELO OKHUSELEKO – INYATHETO ELIFIKELELEKA KWABAMBALWA.

Uqoqoshu olubuthathaka nokwanda kwentswelongqesho kakhokelele ekwanden i kolwaphulomthetho kanti ushishino lolimo nalo aluphuncukanga kule meko. Ngokwecandelo IoLimo eFree State (FSA), ngoku ukubiwa kombona kwensiwa ngamaqela ezicwangciso zolwaphulomthetho aqhutywa kukufuna inzuso. Nangona kukho ‘ulwaphulomthetho lwasidingo’ apho abantu babela ukondla iintsapho zabo, ‘ulwaphulomthetho lokunyoluka’ oluxhalabisa kakhulu.

ZILUNGISELELE PHUCUKILEYO

Abaphathi baseGrain SA bophuhliso lweengingqi banikela ngeengcviso ngendlela yokubhangisa ulwaphulomthetho ukuze ugcine izityalo zikhuselekile:

Khetha okulungileyo: Kwiindawo anika inkonzo kuzo uJerry Mthombothi, umphathi waseGrain SA wophuhliso lwengingqi kwifisi yaseMbomba, ezona zityalo zibawa kakhulu ziimbotyi ezinemigcana emhlopho kanye namandongomane. Naxa kunjalo, kukho iindawo apho ukubiwa kwezikhwebu zombona kwanda khona. Ucebiswa abalimi ukukuthintela ukulima izityalo eziguquguqulwa okanye eziphekwa lula – ezifana namandongomane, iimbotyi ezinemigcana emhlopho kanye nombona omtsha – kufuphi ezilalini okanye kwiziza ekuhlalwa kuzo.

Ixesha elilungileyo: UD u Toit van der Westhuizen, umphathi waseGrain SA wophuhliso lwengingqi eMntla Ntshona, uthi umntu makakulumkele ukuziselwa imbewu neemveliso zamalungiselelo phambi kwexesha kakhulu.

Intshukumo zabucala: Kubaluleke kakhulu ukutyelela emasimini ngexesha lokuvuna. UJohan Kriel, umphathi wophuhliso lwengingqi eFree State, ulumkisa abalimi ukuba bangalandeli isiqhelo esifanayo semihla ngemihla. Xa ujikeleza efama, yenza uhlolo ukuze ukhangele ukuba ingaba ikhona nayiphi na into enokuba lugqaliselo lolwaphulomthetho – zama ukuyikhusela ngakumbi ifama yakho.

Yibiyele: Qiniseka ukuba imida ejikeleza ifama yakho ikhuselekile kwaye ilondolozwe kakuhle. Ukuba kuyenzenka, biyela iindawo ezingakhuselekanga – njengalapho ulime isityalo sakho khona, ukuze abantu bangafikeleli lula kwimveliso. UGraeme Engelbrecht ovela kwifisi yaseDundee yeGrain SA, uthundeza abalimi ukuba babiyele iiplothi zabo.

Yiba ngumlindi: ‘Abalimi mabaxhasane futhi babolekisane ngokulinda amasimi ngexesha lokuvuna, ithuba lokwanda kobusela,’ utshilo uJerry. Xa unobudlelwane obuncomekayo nommelwane

wakho oko kuthetha ukuba ningahlanganisa imizamo yenu yokulinda izityalo futhi nincedane xa omnye engekho.

Uluntu olunenkathalo: Kubalulekile ukuba phakathi koluntu olunenkathalo. Akunakuba sefama ngawo onke amaxesha. Ukuba nabamelwane abaya kukwazisa xa bebona nantoni na ekrokrekayeo uez nawe wenze njalo kubo, oko kuthetha ukuba unokhuselo olongezelweyo. Baphathe kakuhle abasebenzi bakho basefama, njengoko basenokuba luhuselo lwakho lokuqala.

abantu ongabaziyo bagcine kude: Qiniseka ukuba ngubani osefama. Ukuba umntu ubonakala elahlekile, qaphela inkangeleko yobuqu bakhe kune nemoto yakhe. Bhala phantsi inombolo yepleyiti yemvume yabo.

KHUSELEKA:

- Sebeniza izitshixo ezimelana nokuphathaphathwa ukuthintela ufikelelo kwiindawo zogcino lwempahlha futhi ukulawule ukugcinwa kweitzishxo.
- Cinga ngokufumana imixokelelwano yentsimbi ekhaliselwa ukuhuseleo kwiindawo zolondolozo okanye ukuba sowunazo, yiba soloko uqwalasela imeko yokusebenza kwayo. ‘Ukuba akunaku-kwazi ukufaka umxokomelwano wentsimbi ekhaliselwa ukuhuselo, amarhanisi nawo alulupo olulungileyo njengoko esenza ingxolo enkulu xa kusondela abantu abangazivayo,’ utsho uDu Toit.
- Tyala imali kumxokomelwano olungileyo wokukhanyisa yonke ifama, apho kunokwenzeka khona. Baninzi abaphuli bomthetho abazama ukuphanga iindawo ebusuku, xa kungabonakali kakuhle, ngoko ke ukukhanya okwaneleyo kubangela ukuba indawo ingabi namtsalane kubo.

EMVA KOKUVUNA

Qiniseka ukuba umbona ovuniweyo awugcinwa ubusuku bonke ngokungeyomfuneko okanye ushiywé kwiillori emasimini. Linganisa ubunzima bemithwalo phambi kokuba iilori ziyishiye ifama ukuqinisekisa ukuba kusiwa umthwalo olungileyo kwisisele.

UGraeme uthi kukho umbandela omtsha onyusa intloko yawo – ukubiwa kweelori okanye ukubiwa komthwalo. Ngoko ke, kubaluleke kakhulu ukuphaphama xa imithwalo ishiya ifama. Qiniseka ukuba uyazi ukuba izithuthi ziyaphi.



LOUISE KUNZ,
UMNCEDISIMHLELI

I-Grain SA iqinisekisa ukulinywa kweenkozo okunozingo

-GRAIN SA NGUMBUTHO WAMALUNGU OXHASA IMIDLA YABO BONKE ABALIMI BEENKOZO EMZANTSİ AFRIKA. EYONA NKALO YOGQALISELO EPHAMBILI YEGRAIN SA KUKUGCINA ABALIMI BEENKOZO BENOZINZO EFAMA. IINKALO ZOGQALISELO ZESICWANGCISOCEBO SEGRAIN SA ZIHABELANA NALO MBONO WOZINZO LWABALIMI BEENKOZO.

Imiba ehangabezana nayo iGrain SA – ukuncedisa ngozinzo lwabalimi – isuka kwinqanaba lefama ukuya kwimiba yowlawulo kwinqanaba likarhumente. I-Grain SA isoloko iqhuba ngokusebenza, kwaye izibandakanya ngemiba equka iingxoxo zenqanaba elibanzi efana nombandela wokubuyiswa komhlaba kunye nokuyilwa kwsicwangciso solimo seminyaka emihlanu. Oku lilinge lokujinisekisa ukuba ziyahlangatyezwia iimfuno zabalimi beenkozo kwinqanaba abakulo.

IMIBA ENGOALE KWIINKOZO

Malunga nemiba engqale kwiinkozo, iGrain SA ubukhulu becalo, iqwalase-la iimveliso zamalungiselelo, ubume obungqonge intengiso, nobume obungqonge ulawulo ngokunjalo nophando.

- Ukebek' iliso kumgangatho weemveliso zamalungiselelo, ulondolozo nokuphuculwa kwenkubo yembuyiselo yedizili, ngokunjalo nokusonjulwa kweengxaki zabalimi beGrain SA, yeminye yemisebenzi ephambili elandelwa yiGrain SA.
- Inkukacha ezikhutshwa ngexesha nezichanekileyo malunga neentengiso, ukuphucula ukutyhilwa kwemiba yentengiso nokusetyenziswa kweentengiso zeli lizwe phucukileyo yeyona miba ibalulekileyo enxulmene nobume obungqonge intengiso.
- I-Grain SA ikwanayo nenxaxheba kubume obungqonge ulawulo, ukwanda kommandla wentengiso kweli lizwe, ukuvulwa nolondolozo lwemimandla yentengiso emazweni angaphandle, ukukhathazwa kobuchwepeshe obutsha kunye nobhaliso lweemveliso phantsi

koMthetho wama36, elugqaliselo lwalapha.

- Kwicandelo lophando, unxulumaniso lophando olumalunga nabablimi lugqaliselo olusentloko IweGrain SA. Lude uludwe lwemisebenzi neenkalo zogqaliselo kwaye siyakunqwenela ukwabelana nawe ngeenkukacha ezibanzi siqu sakho, neqela lofundonzulu okanye umbutho wabali.

IIRHAFU

Nangona ixabiso elinika umlimi yiGrain SA lingenakulinganiswa ngokobungakanani bezixa kuzo zonke iziganeko, ibalulekile ingqiqo ngezona ndleko zeerhafu ezhilawulishwayo ukuze abalimi bafumanise imbuyekezo abayifumanayo.

Kwiindleko ngehektare yemveliso epeheleyo yomlimi, iirhafu zeGrain SA, zimalunga ne0,15% ukuya kwi0, 2%. Imbuyselo ngemali yedizili enikwa umlimi ingange2,5% ukuya kwi3% yomyinge weendleko zemveliso ngehektare. Lo ngumzekelo omnye onokulinganiswa ngokobungakanani bezixa zeembuyekezo ezifunyanwa ngumlimi ngomsebenzi owenziwa yiGrain SA.


I-Grain SA inika umlimi ithuba lokuggalisela kwimiba elawulekayo kubume obungqonge ukufama okuthe ngqo, ngelixa umbutho ugqaliselo kwimiba elawulekayo ngaphaya kobume obungqonge ukufama komlimi okuthe ngqo.

IIPROJEKTHI ZAKUTSHANJE ZEGRAIN SA

- linkonzo zakwaLEAF
- Inkqubo yeyantlukwano eyiyenye
- lingxelo zakwaSAGIS
- Ukuhlelwa kombona ■



CHRISTIAAN VERCUEIL,
OKUQEQQESHO: KUQOQOSH
OLUSEBENZISEKAYO, EGRAIN SA



WHEN YOU CELEBRATE GREAT MOMENTS, WE CELEBRATE TOO



TM ® Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.
© 2023 Corteva. 2023/CORP/E/008DEV/STRIP

Yenza uhlolo lwakho

Iwamaxabiso ezichumiso

NGOKWESIQHELO, PHAKATHI KWEENDLEKO ZE-EMVELISO ZAMALUNGISELELO EZINGAMA30% NAMA50% EZIKHOYO ZEENKOZO NEMBEWU YEOYILE YABALIMI ICHITHWA KWISICHUMISO. ISICHUMISO SENZA INXENYE ENKULU KAKHULU YEENDLEKO ZAMALUNGISELELO KANGANGOKUBA NAYIPHI INGUQUKO, NGAKUMBI EYOKUNYUKA KWAMAXABISO, IYA KUBA NEFUTHE ELIKHULU KWISAKHONO SENZUZO.

Ngenxa yokuba uMzantsi Afrika engumthengi wezichumiso emazweni angaphandle, oko kuhinda kuyenze mandundu imeko njengoko zonke izichumiso ezithengwa emazweni angaphandle azichatshazelwa lixabiso lazo lenene kuhela koko luluhlu olupheleleyo Iwemibandela efana nenqanaba lotshintshiselwano kunye neendle-ko zothutho.

UMTHAMO OTHENGWA NGAPHANDLE NEenguquo ZAMAXABISO

Igrafu 1 ibonisa izichumiso zaseMzantsi Afrika ezithengwe ngaphandle zemonoammonium phosphate (MAP), iammonia, iurea nepotassium chloride ezsuka kumazwe ngamazwe ukususela ngowama2009. Nangona ingezizo kuhela izichumiso ezithengwe ngaphandle, ezi ziintlobo ezine zeentlobo ezintlanu ezizezona zibalulekileyo ezithengwa ngaphandle.

Ngowama2009, izichumiso ezithengwe ngaphandle zezi mveliso zintlanu besezande nge165% ziphelele. Ngowama2021, uMzantsi Afrika uthenge ngaphandle iitonu ezi2 155 233 ziphelele zezi mveliso zezichumiso zintlanu ukusuka kumazwe ahlukahlukileyo. Ngaphandle komthamo owandileyo wokuthenga ngaphandle, inqanaba lotshintshiselwano lerandi xa lithelekiswa neyemali ezinamandla zamanye amazwe lisuke labuthathaka kakhulu ukususela ngowama2009 ukuya phambili, kwaze oko kwaqhube ngokwandisa isiphumo sokunyuka kwamaxabiso. Ngonyaka wama2022 kwade kwaba ngoAgasti, zingaphezu kwesigidi esi1 iitonu esezithengwe ngaphandle, oko kumalunga nama61% womthambo opheleleyo wama2021.

Itheyibhile 1 ibonisa iinguquko zamaxabiso angumyinge zenitrogen (N), iposphate (P) nepotassium (K) kwinyanga kaJulayi kunya opheleleyo, xa kuthelekiswa no-Okthobha ngo2022. Kuyothusa ukubona indlela amaxabiso ezi mveliso anyuke ngayo kunya omnye.

Xa uqwelasela iimfuneko zezichumiso kwiindawo ezaahlukahlukileyo zelizwe, uya kufumanisa esi siqhelo:

- INTshona Free State isebeenzisa iiyunithi ezingama72 zeN, iiyunithi ezili16 P kanye neeyunithi ezili14 zeK ngehektare.
- IMPuma Free State isebeenzisa iiyunithi ezi- li100 zeN, iiyunithi ezili19 zeP kanye neeyunithi ezingama27 zeK ngehektare.
- lindawo ezinkcenkeshiwego zisebenzisa iiyunithi ezingama286 zeN, iiyunithi ezingama52 zeP neeyunithi ezingama80 zeK ngehektare.

Itheyibhile 2 inika uthelekiso lweemfuneko ezingumyinge zokuchumisa zezi ngingqi zintathu kuOkthobha wama2021 no-Okthobha wama2022. Ngokwesiqhelo, iindleko zesichumiso zinyuke ngama41%.

UKUTHENGEKA KWEZICHUMISO

Igrafu 2 inika isalathiso sokuthengeka kwezichumiso xa kuthelekiswa nexabiso leSafex lombona. Izechumiso, ezineendleko eziphakathi kwa- ma30% nama50% eendleko zeemveliso zamalungiselelo ngolo hloba ziya ngokungathengeki, kuze oko kuthethe ukuba umda womlimi woku- rhweba usuke wabuthathaka kakhulu. Oku kubeka uxinzelelo kwisakhono senzuko yomlimi kwaye kungakhokelela ekubeni alime iihektare ezimbala, ngakumbi umbona.

Ezi nkukacha zalatha umfanekiso ocacileyo wemingeni ebaxeleyo abajongana nayo abalimi imihla ngemihla ukuze baqhubele phambili. lindleko zamalungiselelo azipheleli kwisichumiso kuphela sona esibonise ukunyuka okubaxeleyo kwamaxabiso. Kanti neendleko zamandla okuse- benza ezinto ezifana namafutha okubasela kunye nombane nazo zinyuke ngokubaxeleyo, njengoko kunjalo nakwixabiso lembewu neleekhemikhali. Kuya ngokubanzima kakhulu ukuba imisebenzi yokufama ihlale inesakhono senzuko futhi inozinzo.

Njengoko lilincinci ikroba lokwenziwa kweempazamo, abalimi bafanele ukuqinisekisa ukuba abaxhatshazwa ngabathengisi bezichumiso, Yenza uhlolo Iwakho, uqiniseke ukuba amaxabiso abathengisi anxulumene neentengiso, nxulumanisa amaxabiso abekwayo ukuze ufumane elona xabiso lilungileyo ukwazi ukukhetha elona lifanele iinjongo zakho. ■

1

Uthelekiso Iwamaxabiso enitrogen, iposphate nepotassium.

		Nitrogen	Phosphate	Potassium
Ixabiso elingumyinge: Oct 2021 (R/kg)	R30,60	R61	R26,40	
Ixabiso elingumyinge: Oct 2022 (R/kg)	R43,90	R78,70	R40,60	
Utshintsho (unyaka-emva komnye)	43%	29%	54%	


2

Utshintsho kwiindleko zezichumiso ngehektare kuOkthobha 2021 xa kuthelekiswa no- Okthobha ngo2022.

Indawo	Nitrogen	Phosphate	Potassium	Ixabiso: Okthobha 2021	Ixabiso: Okthobha 2022	Utshintsho
liyunithi ezingumyinge (kg/ha) eMpuma Koloni eFree State,	100	19	27	R4 931	R6 981	42%
liyunithi ezingumyinge (kg/ha) eNtshona eFree State,	72	16	14	R3 548	R4 988	41%
Unkencenesho, iiyunithi ezingumyinge (kg/ha)	286	52	80	R14 035	R19 895	42%


1

lintloblo ezine kwezintlanu ezibaluleke kakhulu zezichumiso ezithengwa nguMzantsi Afrika emazweni angaphandle.



2

Ukuthengeka kwesichumiso.



**CHRISTIAAN VERCUEIL,
OKUQEQESHO: KUQOQOSHO
OLUSEBENZISEKAYO, EGRAIN SA**



Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040

■ 086 004 7246
■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala
■ 082 862 1991 ■ lofisi: 012 943 8296
■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285
■ liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING
Umhleli ongumcedisi – Louise Kunz
■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716
■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Jesseme Ross



INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Bloemfontein)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Mbombela)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad & Mthatha)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

UCwayita Mpotyi (Umncedisi waseOfisini: Mthatha)

■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

Inkqubo egugula ubomi babantu



Ingxelo

Khangela ukuze uphucule ukufama

SEKULITHUBA abalimi bekuqonda ukubaluleka kokusebenzisa iingcaphephe kwintsimi yolimo ukuze zibancedise ukuba bakwazi ukugqalisela koko bafanele ukukwenza ngokubalaseleyo – ukulima iinkozo, bagcine iifama zabo zikulungele ukuvelisa ukutya nokuba negalelo kuzinzo lweemeko zoqoqoshlo Iwasemaphandleni!

Yiloo nto abalimi abaninzi bekuthakazelela ukuhlawula imirhumo yabo yonyaka ukuze babe ngamalungu eGrain SA. Lo mbutho ohamba ngokwamaxe-sha uyaggadaza ngenene kuyo yonke imibandela engqonge ulimo futhi unefuthe kwimisebenzi yokufama. Naba abanye abalimi abanento abayizuze kwigalelo leengcaphephe zaseGrain SA – abaquuzeleli bophuhliso lwengi-ngqi – entsimini.



UJohan Kriel, umquuzeleli wophuhliso lwengiqqi eFree State kune nomnye wabacebisi baseFree State, bajonge izityalo zomlimi onesakhono sokurhweba.



Umcebisi waseGrain SA uqwelasela isiquilatho sokufuma kombona kaSabasaba phambi kokuqaliswa kokuvuna.

Umcebisi kwisiphaluka saseMa-clear uncedisa uSopazi Lunyaweni waseUgie nocwangciselohakhe.



UGraeme Engelbrecht, umquuzeleli wophuhliso kwiofisi yase-Dundee, uncedisa abalimi ngolondolozo.

Ukuvala ITHUBA

INKQUBO yoPhuhliso IwabaLimi yakhiwe kwiminyaka emininzi yade yaba kwisigaba ekuso kweli xesha, phantsi kolawulo IweGrain SA, kodwa ngoku ikwiCandelo le18A lequmrhu elitsha egama lithi, Phahama Grain Phakama (PGP) – elibhekiselele ekuthini 'ukukhula kwabalimi beenkozo.'

Eli qumrhu litsha lingangenisi nzuko ligqaliselwe, ubukhulu becalo, kupuhliso Iwabalimi ngokubanika uqequesho, upuhliso Iwezakhono kune neengcebiso. Oku kukhatshwa yimimiselo efanele ukuthotyelwa eyimfuno yabanikeli bemali. Liza kujolisa ekuvaleni ithuba phakathi kwendawo abakuyo abalimi ngoku kune nempumezo enokufumaneka.

Ugxininiso lusekubeni abalimi benew era barhwebe, yiloo nto beya kunikwa inkxaso bade bafumane izivuno ezibalaseleyo ezinokufumaneka emasimini abanokuwafuma – ngokusebenzisa ubuchwepeshe kune nemigaqo yokusebenza ebalaseleyo esetyenziswa ngoku – ngaloo ndlela bafumanise ukuba bakwismo sokuba negalelo ekuveligisweni kokutya kwsizwe. Ngaxeshanye, iinkonzo ezi-khoyo ngoku zokunikwa kwenkxaso kubalimi abalimela ukuziphilisa nabarhweba kancinane ziya kugcinwa njengoko ubukho bokutya okwaneleyo emizini nophuhliso Iwamashishini kuyimiba ephambili kumbutho. ■

